



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo  
Provinsie van die Oos Kaap: Departement van Onderwys  
Forafensie Ya Kapa Botjhabela: Lefapha la Thuto

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2025**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 100**

---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-15.

---

**IMIYALELO YOKUMAKISHA**

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, mayithathelwe ingqalelo le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuyila, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni, ingakumbi kwiCANDELO B.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi kubandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.

**IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA****ICANDELO A: ISINCOKO**

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko efumaneka kwiphepha le-13 nele-14 lesi sikhokelo sokumakisha.

**IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO**

| IMIQATHANGO                        | AMANQAKU |
|------------------------------------|----------|
| UMXHOLO NOCWANGCISO                | 30       |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15       |
| ISAKHIWO                           | 5        |
| AMANQAKU EWONKE                    | 50       |

1. Funda isincoko sonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO noCWANGCISO.
2. Funda isincoko kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.
3. Funda isincoko kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo leSAKHIWO.

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-15 lesi sikhokelo sokumakisha.

**IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO**

| IMIQATHANGO                        | AMANQAKU |
|------------------------------------|----------|
| UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI      | 15       |
| ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 10       |
| AMANQAKU EWONKE                    | 25       |

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.
2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- Ifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.
- Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa kuphela njengesikhokelo kubamakishi.
- Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Kulindeleke ukuba abaviwa babhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Abaviwa bangabhala nangaluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esicamngcayo, esixoxayo, esivelela amacala omabini, okanye naziphina ezidityanisiweyo kwezi.

**Isincoko esibalisayo:**

- Makasebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekheleli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

**Isincoko esichazayo:**

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

**Isincoko esicamngcayo:**

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.

**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

**Isincoko esivelela amacala omabini:**

- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

**UMBUZO 1****1.1 Ndisothuka nanamhlanje oku ndisakulucinga olo suku**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangiswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingaba libali lemini/lesiganeko/lemeko engobumnandi bolo suku.
- Angabalisa /achaze/ uhlobo lwesiganeko esenzekayo nesenza othuke akulicinga olo suku.
- Angabalisa ngefuthe elathi layenza empilweni yakhe.
- Angabhala neziphumo zobo bumnandi.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****1.2 Amava endinawo angabutshintsha ubomi bomnye umntu**

Isincoko singabalisa /chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu, nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lamava emini enye okanye iimini ezahlukeneyo/lesiganeko/leziganeko/ lemeko/ leemeko/ ezamehlelayo.
- Umviwa angachaza zintoni ezabehlelayo nathi akuzicinga abone ukuba zingamnceda omnye umntu angabi sangena engxakini
- Amava omviwa angenza ubomi bomntu butshintshe/buphumelele bube kwelinye inqanaba.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo/ isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

### 1.3 Ukungazithembi kuyayibulala impumelelo yekamva lakho

Isincoko singabalisa/chaza/camngca singaxoxela icala elinye/singaxoxela amacala omabini/.

Isincoko masicwangiswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu, nesiphelo.

#### Umxholo:

- Ingalibali lemini enye okanye iimini ezahlukeneyo/lesiganeko/leziganeko/lemeko/ leemeko eziveza ifuthe elibi lokungazithembi nelithi lichaphazele impumelelo yamntu.
- Bangachaza baveze izenzo ezibonakalisa ukungazithembi kunefuthe kwimpumelelo yabo.
- Bangeza neengcebiso ngendlela yokulwa ukungazithembi okuye kuchaphazele impumelelo yabo.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

#### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

### 1.4 Isiqhelo siyayoyisa ingqondo

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo

#### Umxholo:

- Ingalibali lemini enye/isiganeko/imeko ebonisa umntu esenza izinto ngokwesiqhelo kanti isiphumo ayizukuba sesi ebesilindele/aqhele ukusifumana.
- Angabhala ebonisa ukuba umntu akasoloko ephumelela ngendlela ebeyilindele/kwenzeke ngendlela aqhele ukwenza ngayo.
- Angaveza okanye axele izinto ezenziwa ngumntu/ngabantu ngokuqhela kanti zingabi naso isiphumo adla ngokusifumana.
- Angalumkisa abantu ngobungozi bokwenza izinto ngesiqhelo.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

#### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi luhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

**1.5 Ukulunga nokungalungi kwetekhnoloji kubomi bethu**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela icala elinye/xoxela amacala omabini.

Isincoko masicwangciswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo efihlakeleyo/yentsusa/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lemini enye/isiganeko/imeko engendima edlalwa yintlonipho kwimpumelelo yabafundi.
- Bangabalisa/baveze iimbono zabo ngabafundi abahloniphayo kunye nempumelelo yabo.
- Bangaveza uncedo olwenziwa yintlonipho kwimpumelelo yabafundi
- Bangakhuthaza okanye bacebise ngokubaluleka kwentlonipho kubafundi ukuze baphumelele.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sesivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****1.6 Ingomso lomntu alixhomekekanga kunamhlanje wakhe**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela icala elinye/xoxela amacala amabini.

Isincoko masicwangciswe ngokokuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efuhlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Umviwa angabhala ngamava akhe ngendlela aphila ngayo ngoku neminqweno yengomso lakhe.
- Ungangeemeko zabantu eziveza ubomi babo buqale ngentlupheko/ngentsokolo baze babutshintshe bube ngcono/bube bubomi obungcono.
- Bangalumkisa babonise obu bomi ubuphilayo bungcono namhlanje bungaphela buyenye into ngomso.
- Bangabhala ngesimilo esibi somntu kodwa atshintshe kweso simo enze izinto ezilungileyo eziluncedo kuluntu.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane esihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

- 1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.  
Isincoko singabalisa/sichaze/sicamngce/xoxele icala elinye/sixoxele amacala omabini.  
Isincoko masicwangciswe ngokokuko.  
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.  
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lemini enye/leemini/isiganeko/iziganeko eliphuhlisa impumelelo yokwenza izinto ngexesha/ubungozi bokungenzi izinto ngexesha.
- Umviwa angakhuthaza abonise ukubaluleka kokusebenzisa ixesha ngokokuko.
- Angabonakalisa ubungozi bokusebenzisa ixesha ngokungafanelekanga.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

- 1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.  
Isincoko singabalisa/sichaze/sicamngce/xoxele icala elinye/sixoxele amacala omabini.  
Isincoko masicwangciswe ngokokuko.  
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zeempendulo.  
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Angabhala ngokulondolozwa kwemali
- Angabhala ngobuhle nobungozi bokugcina imali.
- Usenokuveza indlela emncede ngayo into yokugcina akhulise imali.
- Angaveza izinto ezinokwenziwa ukukhulisa imali.

**[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkeleka.]**

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**

Kulindeleke ukuba abaviwa bakhethe imihlathi ibe MIBINI kule ibuziweyo. Ubude bempendulo nganye mabube li-100–120 amagama ngomhlathi ngamnye. Oku kubhekisa kumxholo kuphela. Ulwimi, irejista isimbo sokubhala nethoni masifanelane nenjongo yobhalo.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Idilesi inye ibhalwa ngendlela eyamkelekileyo, iqalwe kwisiqingatha sephepha, ime, ingaxwesi. Umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngawo mawubhalwe ngasezantsi kwedilesi. (12 Septemba 2024)
- Emva kwedilesi makulandele isibuliso (umz. Linda endimthandayo)
- Mayahlulwe imihlathi yesiqu ngokweengcamango ezahlukileyo.
- Umxholo ungokuvelana nomhlobo ngentlungu ethe yamehlela.
- Kwisiphelo seleta yobuhlobo kubhalwe: Umhlobo wakho kunye negama elingenafani.
- Izingxi azibhalwa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ithoni neregista engekho sesikweni nefanele umhlobo.
- Ulwimi olungandilisekanga.

**[25]****2.2 I-OBHITSHUWARI****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Mayibhalwe kumntu wesithathu hayi kumntu wokuqala (NDI). Injongo kukukhumbula lowo ungasekhoyo.

**Umhlathi woku-1**

- Mawube namagama omfi, umhla wokuzalwa, indawo azalelwe kuyo, umnombo (abazali), umhla wokusweleka indawo abhubhele kuyo (unobangela wokubhubha ungafakwa). Isaziso ngobhubhileyo.

**Umhlathi-2**

- Imfundo yakhe kumabanga asezantsi kunye naphakamileyo.
- Amava akhe ngokomsebenzi, (umqeqeshi wezemidlalo)
- Igalelo lakhe ekuhlaleni, izinto ebekholelwa kuzo, ebezibalule ngazo nezinto aya kukhunjulwa ngazo.

**Umhlathi we-3**

- Amabalana ngaye. linkumbulo anazo amalungu, osapho, izihlobo nezalamane zakhe ngaye. Amazwi okukhapha lo ungasekhoyo.
- Kufuneka konke oku kuzobe umfanekiso ocace gca ngaye, ukuba ebengumntu onjani. (Yuloji)

**Umhlathi we-4**

- Amazwi ovelwano kusapho nezalamane.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ithoni nerejista mazibe sesikweni.
- Ulwimi malube lolusesikweni lusulungeke.

**[25]****2.3 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]****ISIVI**

- Mayibhalwe kwiphepha elitsha.
- Mayithi ngqo ingajikelezi ibe semxholweni.
- Mayiqulathe izinto ezinokubangela umqeshi athabatheke.
- Iinkcukacha zalowo ucela umsebenzi mazivele.
- Izinqinisekiso zemfundo anazo mazihlengahlengiswe ngokweminyaka mpumelelo nangokwamava anawo ahambelana nesithuba eso somsebenzi.
- Mayinike iinkcukacha zabantu abanokungqinisisa/abanonika ulwazi ngalowo ucela umsebenzi.

**Ileta eyikhaphayo**

- Ibhalwa ngokweleta esesikweni.
- Ayinabude buqingqiweyo kodwa iziqulatho zayo eziphambili kukuvakalisa ubukho besivi eneencukacha ezifunekayo.
- Umbhali angazithengisa kule leta.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi, ithuba, irejista mayibe sesikweni.

**[25]****2.4 INGXOXO YABABINI****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Intshayelelo mayibhalwe kwizibiyeli (izalathisi zeqonga) umzekelo: indawo, ixesha, izithethi nombala okuxoxwa ngawo.
- Kwisiqhu mayibhalwe kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Izithethi zibhalwe ngasekhohlo ephepheni zilandelwe yikholoni.
- Makushiye umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.
- Ingcaciso engenye mayibhalwe kwizibiyeli umzekelo: ingcaciso ebonisa intshukumo, imvakalelo neemeko abakuzo ababathethayo umzekelo: ehleka.
- Umxholo mawube ngempahla zexabiso namalungiselelo lwabafundi bebanga leshumi letheko lokuthi ndlelante.
- Mayingafikeleli esiphelweni ingakhange ifezekiseke injongo yengxoxo.
- Mazivalelisane izithethi iseso sinelizwi lokubulela ukuba ngabantu abaqheleneyo nabasondelaneyo banokuphela ngendlela ebonisa oko.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi, ithuba nerejista engekho sesikweni.
- Kuthethwa kwixesha langoku ze kusetyenziswe elidlulileyo/eladlulayo xa kubhekiswa kwisiganeko esithile.

**[25]**

**2.5 IRIVYU****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Mayibe ngenkqubo yezemfundo zezifundo zebanga le-12 ayibukele kumabonakude.
- Iveze iimpawu zayo eziphambili.
- Mayivakalise izimvo neemvakalelo zombhali werivyu ngendawo eqhubeka kuyo.
- Mayiveze okuyinyani ingabaxi, okubi nokuhle kuvezwe ngendlela ehloniphayo nenika isidima.
- Mayitsale umdla kulowo uyifundayo.
- Umbhali makabalule izinto ezinika umtsalane kwezi kqubo azibukela kumabonakude.
- Kwisiphelo makuvele umyalezo okanye imfundiso efumaneka kwezi nkqubo zikamabonakude zemfundo.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi malube sesikweni.
- Ithoni nerejista mayibe sesikweni.

**[25]****2.6 INQAKU LEMAGAZINI****Umxholo, ucwangciso nefomathi: [15]**

- Mayibe nesihloko esifutshane sitsale umdla wabantu.
- Isihloko masiqulathe owona ndoqo wenqaku.
- Amagama alowo ubhale inqaku mawavele ezantsi kwesihloko.
- Kubalulekile ukubhala okuyinyani hayi uluvo.
- Kulindeleke umntu akhankanye igama ozuze kulo ulwazi, ukuba ngumntu akhankanywe xa kuphuhliswa umxholo wenqaku.
- Umxholo mawucebise ulutsha ngeendlela zokuzigcina lusempilweni.

**Ulwimi, isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Ulwimi malube lolusulungekileyo nolundilisekileyo kuba yenzelwa abangasondelanga kulowo uyinikezelayo.
- Ithoni, irejista nesimbo sokubhala masibe sesifanelekilayo sihambelane nenqaku elo libhalwayo.
- Inqaku malibe kumntu wesithathu.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B (25 x 2): 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (zephepha lesi-3, ICANDELO A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincoko ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asicatshazelwa kukwahlulwa ngokwinqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

**SIHLOMELELO A: IRUBRIKHI YOKUHLOLA ISINCOKO ULWIMI LWASEKHAYA [50 AMANQAKU]**

| Imiqathango                                                                                                                                                       |                          | Egqwesileyo                                                                                                                                                                                                                                                                                                      | Esemagqabini neqaqambileyo                                                                                                                                                                                                                                     | Eyanelisayo nefanelekileyo                                                                                                                                                                                                                   | Eyinxalenye                                                                                                                                                                             | Engaphumelelanga                                                                                                                                                                                                      |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|--------------------------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| <b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b><br><br>(Impendulo nezimvo)<br>Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa. Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. | Inqwanqwa eliphakamileyo | <b>28–30</b><br>- Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindelekile.<br>- Izimvo eziqizisiweyo, ezixhokonxa iingcinga nezivuthiweyo.<br>- Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.                  | <b>22–24</b><br>- Impendulo ixongxwe ngobugcisa.<br>- Izimvo zihambelana gingci nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa.<br>- Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo. | <b>16–18</b><br>- Impendulo iyanelisa.<br>- Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokuse-mxholweni.<br>- Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/ nesiphelo.                                   | <b>10–12</b><br>- Impendulo ayinaluthungelwano lungqinelanayo.<br>- Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi.<br>- Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.    | <b>4–6</b><br>- Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela.<br>- Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo.<br>- Azicacanga kwaye kwaye ziphindaphindiwe.<br>- Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani |
| <b>30 AMANQAKU</b>                                                                                                                                                | Inqwanqwa elingezantsi   | <b>25–27</b><br>- Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenqeza phambili.<br>- Izimvo ezivuthiweyo neziqizisiweyo.<br>- Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo. | <b>19–21</b><br>- Impendulo ixongxwe kakuhle.<br>- Izimvo ziyahambelana zinomdla.<br>- Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo..                                                                          | <b>13–15</b><br>- Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso.<br>- Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa.<br>- Kukho ulungelelaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo. | <b>7–9</b><br>- Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo.<br>- Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa.<br>- Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano. | <b>0–3</b><br>- Akukho linge lokuphendula isihloko.<br>- Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga.<br>- Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhu-tyubhutyu.                                         |

| ULWIMI, ISIMBO<br>SOKUBHALA<br>NOKUHLELA<br>Ithoni, irejista, isimbo sokubhala,<br>isigama esifanelenenenjongo/nesimo<br>sentlalo.<br>Uchongo magama.<br>Ukusetyenziswa kolwimi<br>nemigaqo,<br>limpawu zokubhala, igrاما, upelo.<br><br><b>15 AMANQAKU</b> | Inqanqwa eliphakamileyo | 14–15                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                               | 11–12                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                    | 8–9                                                                                                                                                                                                                                                                                                                                               | 5–6                                                                                                                                                                                                                                                                                                               | 0–3                                                                                                                                                                                                                                                                                                            |
|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-------------------------|-----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
